PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VAKALISA ULUVO LWAKHO

UMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO NOSAQULUNQWAYO WEMITHETHO YERHAFU WOWAMA-2018 (ITLAB) KUNYE NOMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO NOSAQULUNQWAYO WEMITHETHO YOLAWULO LWERHAFU WOWAMA-2018 (ITALAB).

Ukungeniswa kweZiphakamiso neeNdibano zoVakaliso-zimvo

Ikomiti eSisigxina engeziMali imema abachaphazelekayo kunye nemibutho enomdla ukuba ingenise iziphakamiso ezibhaliweyo ezingeTLAB eSaqulunqwayo yowama-2018 kunye ne-TALAB eSaqulunqwayo yowama-2018.

Ezona zicelo zingundoqo eziqulethwe kwiTLAB eSaqulunqwayo yowama-2018 zezi:

- Ukwenza kube lula kakhulu ukulawulwa kokuthunyelwa kweemali zomhlala-phantsi nokukhutshwa kwazo;
- Ukwaziswa ngokuchwethelwa bucala kwezibonelelo ezongezelelweyo kubasebenzi abanomvuzo okwinqanaba elingezantsi abafumana imali-mboleko kubaqeshi babo kubonelelo ngezindlu ezixabisa kancinci;
- Ukuqwalasela ngokutsha uchwethelo bucala kuThutho ngeeNqanawa kwiNqanaba laMazwe ngaMazwe lweenqanawa ezithile ngeenjongo zokubonelela ngeenqanawa ezingamalalela;
- Ukwenziwa libe lifutshane ixesha lokususwa kweentambo zonxibelelwano lobuchwephetshe;
- Ukuphuculwa nokucaciswa ukuze kuguqulwe ityala libe zizabelo;
- Ukucokiswa kwentsebenziswano phakathi kwemigaqo echasene nokuphetshwa kwengeniso kwakunye nemigaqo yohlelo ngokutsha lwamashishini;
- Ukufakelwa kwemithetho eshukuxa ukusetyenziswa kweethrasti ukuba zilibazise irhafu okanye ukumiselwa ngokutsha ubume bengeniso; kunye
- Nokwaziswa kwemigaqo yomiselo lwengeniso yonyaka kwizixa-mali ezonyuke kwiintlobo zezikimu zotyalo-mali ezimanyeneyo ukuze kube khona ingqiniseko kuze kucuthwe usetyenziso gwenxa olunokuba khona.

Ezona zicelo zolawulo lwerhafu eziqulethwe kwiTALAB eSaqulunqwayo yowama-2018 zibhekiselele koku:

- Ukususwa kwemfuno yokungenisa amaxwebhu okubala irhafu kwingeniso kubantu abaxolelwayo ekuh lawuleni irhafu;
- Izihlomelo ezichasene nokunqandwa kweerhafu zotywala necuba;
- Ukucaciswa nokumelana ne-invoyisi ezingalunganga xa kubuyiswa intlawulo yerhafu-ntengo; kunye
- Nokuvunyelwa kokuqokelelwa kweentlawulo zerhafu-ntengo ukuba kusebenze kuwo onke amasebe kunye namacandelo.

Iindibano zovakaliso-zimvo zisa kubanjelwa ePalamente, ngomhla wama- 21 kweyeThupha 2018.

Ukungeniswa kweziphakamiso kunye nokubonakalisa kwakho ukwenza intetho ngomlomo kufuneka kufike ingabethanga intsimbi ye-12:00 ngoLwesihlanu, umhla we-17 kweyeThupha 2018.

Iziphakamiso kufuneka zithunyelwe ku-Committee Secretaries, **Ms Teboho Sepanya**, 3rd Floor, 90 Plein Street, Cape Town, 8000 okanye **tsepanya@parliament.gov.za** umnxeba. **(021) 403-3738** naku-**Mr Allen Wicomb**, 3rd Floor, 90 Plein Street, Cape Town, 8000 okanye **awicomb@parliament.gov.za** umnxeba. **(021) 403-3759.**

Sikhutshe ngoHloniphekileyo uYI Carrim, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti eSisigxina engeziMali (kwiNdlu yoWiso-Mthetho yeSizwe).

Parliament. Making Democracy Work

www.parliament.gov.za